

Abaqhubi nookhondaktha beeMinibhasi

Zikhusele wena nabakhweli bakho kwintsholongwane iCorona (COVID-19)

I-COVID-19 iyafana neflu, ibangela ukhohlokhohlo, ifiva, umqala obuhlungu, ukudinwa kakhulu nezihlunu ezibuhlungu.

Xa umntu eneCOVID -19 ekhohlela okanye ethimla, ushiya intsholongwane kwimiphezulu yezinto nasemoyeni. Ungayifumana iCOVID-19 ukuba:

- Utte wabamba imiphezulu neendawo ezifikelewa zizandla uze uziphathe ebusweni, emehlwani, empumlweni okanye emlonyeni okanye
- Ukhe wasondelelana ngomgama ongaphantsi kwe(1,5 iimitha) nomntu onentsholongwane iCorona.

Nxiba imaskhi ngalo lonke ixesha xa uza kuba kwindawo kawonkewonke.

- Imigaqo emihlanu esiSiseko yoCoceko
1. Hlamba izandla
 2. Sukuzibamba ubuso
 3. Gcina umgama
 4. Gquma umlomo xa ukhohlela
 5. Uyagula? Hlala ekhaya

Qala ngokuyicoca iteksi ngaphambi kokuba isebenze

Hlamba umphandle weteksi:

- Yihlambe umphandle iteksi yakho yonke imihla ngamanzi nesepha.
- Faka isibulali-zintsholongwane esingumxube weblitshi (amatsipuni ama-6 eblitshi kwilitha enye -1 yamanzi). Nxiba iiglavu xa usebenza ngomxube osisibulali-zintsholongwane.



Coca iteksi ngaphakathi:

- Sula ucango nezibambo (handles) zaho, ungqameko lweefestile nezihlalo (seats) ngomxube weblitshi (amatsipuni ama-6 kumanzi ayilitha enye 1).
- Ziyekte zivuliwe iifestile.



Yisebenzise ngokukhuselekileyo imaskhi

1 Hlamba izandla zakho. Malibe sebusweni eli cala lingumphakathi wemaskhi, gquma impumlo nomlomo. Qiniseka ukuba ikulingana kakuhle. Ungayibambi imaskhi kule ndawo ililaphu.



2 Musa UKUZIPHATHA UBUSO ungayiphathaphathi imakshi kananjalo. Yisuse imaskhi kuphela xa imanzi. Musa ukubolekisana ngeemaskhi nabanye.



3 Yibambe ngemitya imaskhi xa uyikhulula, ulumkele ukubamba imiphezulu yezinto de ube uzihlambile izandla.



4 Hlamba imaskhi ngesepha namanzi, uyoneke uyi-ayine ukubulala iintsholongwane. Yiba neemaskhi zibe mbini ubuncinane ukuze usoloko unecekileyo ngeli xesha enye usayisebenzisile.




Ukulayisha iteksi

- Ngeli xesha usalinde abakhweli, wavule amacango.
- Imashali efolisa emgceni mayibacele abakhweli ukuba bagcine umgama oyi 1,5 phakathi kwabo.
- Tshiza izandla zabakhweli ngesanitizer enesithako se-alkhoholi ngaphambi kokuba bangene.
- Qala ukhwelise kwisihlalo sangasemva sigcwale. Bahllalise abakhweli ngasezifestileni.
- Abakhweli mabahlale ngokuqeletana kangangoko omnye komnye.



- Ungalayishi ngaphezu kwe-70% emiselweyo:
 - iteksi engu-23 seater: abakhweli babelishumi elinesihlanu (15) nomqhubi omnye (1)
 - iteksi engu-16 seater: abakhweli babelishumi (10) nomqhubi omnye (1)
 - kwiteksi engu-11 seater: abakhweli babesixhenxe (7) nomqhubi omnye (1)



iimitha
eziyi 1,5

Kwitrip nganye

- Mazihlale zivuliwe iifestile.
- Kuphephe ukuyibamba ngesandla imali ukuba kuyenzeka. Sebenzisa ibhokisi okanye itoti yokufaka imali xa kubhatalwa.
- Ukuba uyahlawulisa, zicoce izandla zakho nge-sanitizer ene-alkhoholi. ungabuphathi ubuso. Faka isanitizer ixesha ngalinye uhlawulisa. Tshiza abakhweli ngesanitizer emva kokuba bebhatele.
- Bavulele ucango ngokwakho abakhweli uphinde uluvale. Bacele abantu bangalphathaphathi ucango okanye izibambo (handles) zocango.

Emva kwetrip nganye

Sula izibambo zamacango, ungqameko lweefestile nezihlalo ngomxube weblitshi. (amatispuni ama-6 eblitshi kwilitha enye yamanzi).



Xa ufika ekhaya

- Khulula izihlangu uzishiye phandle ngaphambi kokuba ungene endlini.
- Hlambisisa izandla zakho neengalo xa ugqiba kungena endlini.
- Khulula iimpahla zomsebenzi nemaskhi (ungakhange uphathe iindawo ekubanjelewa kuzo kakhulu).
- Beka iimpahla obuyinxibe emsebenzini kwibhegi esecaleni ukuze ihlanjwe. Imaskhi mayihlanje ecaleni ingahlanjwa nezinye iimpahla.



iNational Hotline: 0800 029 999

iProvincial Hotline: 021 928 4102

iNational WhatsApp: 0600 123 456

- Ngoko nangoko ngena eshaweni/ ebhafini/ uhlambe ngamanzi ashushu.
- Musa ukwanga, ukuphuza ukubamba amalungu osapho ungekahlambi, kwenze oko xa sele uhlambile.



URhulumente
weNtshona Koloni



STOP UKUNWENWA KWALE NTSHOLONGWANE

NGOLWAZI OLUTHE VETSHE:
www.westerncape.gov.za